Umteteli wa Bantu (Johannesburg)

August 9th, 1924.

# Imimiselo ye Zizwe ! Iwugqwetile Lomhlaba ka Palo !

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Taru ! Mhleli ngesituba sezi mbongi; asina kutala Intlombe imnandi into ngumsi : Kwake kwanjepina ? Sesingamakewukewu nje : Singisani amehlo ku Levitikus isahluko seshumi line sibhozo, iversi yokuqala—kude kuye kwi versi yesi hlanu : Gcinani ! Imimiselo yezwe lenu namasiko enu ; kuba esonto singu Tixo wenu enopila ngaye : Taru ! Afrika ! Bulembu be Afrika ; obuyepuzela pakati kwamasa ezitokotoko : Obati ubuncwane bezwe lako, bakutshwa, ngentlokoma yomlo.si ;—Siyakubungezela : Wakhubeka ngonyawo, waviswa ubuhlungu : Wahilisa ngomlomo wawiselwa pantsi :—Taru ! Nto Ebukosi bunjenge ncinibs; ipete ubukosi bayo elutulini, awu ! Zabetana nento ezimbi zasema Xoseni za wapuka nembambo ngama cal'omabini : Taru ! Afrika ! Ntsimi ye Afrika eyadliwa zintaka yatsho yahlakazeka ; Taru ! Afrika ! Hobekazi Afrika wena ozigcau zibambelele kuwe zaya kumisa indlu yako eweni ihelilifa lenkedama ze Yuropu : Ube kodwa ungazange udle nto yamlungu : Ngawulile Afrika ekumbini le ntaba ; amasiko Ezizwe awugqwetile lomhlaba ka Palo : Mnga we Afrika, owati ukuwa kwabhakuqeka amasebe anabela Izizwe zase mzini : Ngwe emabalabala ziso Izizwe ;—ezisengqena zade zaxelelana : Bapi abefundisi ; abesa kusifundisa ukuti :—Ndilundwendwe emhlabeni ; Ndihambela Ezulwini : Ndilangazelela kakulu : Iyerusalem pezulu : Kanti-bateta ukuti Balundwendwe nje Pesheya : Bahambela e Afrika : Balangazelela kakulu : Leyo ndyebo yezwe apo : Waziyuma ke Afrika nawe ezingoma : Waziqalekisa ncokwako pambi ko Yehova : Namhlanje uyakupa zimpahla, ulima usuhge : Kuba kaloku ulundwendwe Emhlabeni ; azi—uyakufika ninina Ezulwini ? — Yatsheni madodana ! Ndiyapuma egushini :—Imimiselo ye zizwe ! Iwugqwetile lomhlaba ka Palo : Taru ! Afrika ! Zwe lo mbango—mbuso ; ngawu nxakame ngelidala netole : Sikala ngakona siti " mawubuye "—Uvuse Inimba yakumako wetu : Saqala ngokuhomba kanti sisekulwini : Imvaba Igantuntu ladla liyihlukuhla : Namhlanje ama siko abhange ade ehla nondonci : Awezizwe ke awugqweta lomhlaba ka Palo : Andikupinda nditshilo nje nditshilo :—Nantso Inyikima ikujamele ngenduku ezimdaka : Nantso kwanendlala ! Iramncwa eli mazinyo azinxonxo : Nandzo kwanezifo ! Zibikwa nakwi Ntlango ze Kalahari : Nandzo nenkumbi ! Isibeto sika Faro e Jipete : Yintonina engekoyo ? Aziukuya Cebisana nabani ke ; ungenalo nje nasiko omise umzi ngalo : Gqob' empandeni ! Mdaka ongeva sepa : Nalo Izwe loyihlo lusisivivinya sayo Imishologu: Namhlanje namaxego azula nedolopu ; into eyayingaziwa ku maxesha andulo : Kumbula apo wawa uvela kona ; ufune osiyazi bahlabe ezintloko: Latsho ! Ibhadi eline bhula eliziyutulula zimise Inkowane: Hawu hule ! !